IZITHINTELO ZAMANZI KUNYE NEERHAFU ZAMANZI NOGUTYULO LWELINDLE : UMGANGATHO WESI-2

ISAZISO SOKUGQIBELA ESIYA KUBO BONKE ABASEBENZI BAMANZI ASELWAYO ABONELELWA NGUMASIPALA: IZITHINTELO ZOKUSETYENZISWA KWAMANZI ZIZA KUQALA NGOWO-1 OKTHOBHA 2004

Esi saziso sikhutshwa ngokungqinelana no*"MTHETHO KAMASIPALA ONGEENKONZO ZAMANZI WESIXEKO SASEKAPA WOKUCUTHA OKANYE UKUTHINTELA UKUSETYENZISWA KWAMANZI"* obupapashwe kwiGazethi yePhondo enguNomb. 5994 ngowama-28 Matshi 2003, obhengeza ukuba ukuqala ngowoku-1 Okthobha 2004 de kukhutshwe isaziso, izithintelo ezimgangatho woku-1, neziya kuxhomekeka kwimiqathango ethile eya kube ibekiwe, mazisetyenziswe kwimida yeSixeko saseKapa.

Naye nabani na owophula amasolotya omthetho apapashwe kwesi saziso sokugqibela, uya kufunyanwa enetyala kwaye angahlawuliswa intlawuliso engadlulanga kumawaka alishumi eerandi okanye avalelwe entolongweni isithuba sexesha elingadlulanga kwiinyanga ezintandathu okanye avalwe elo xesha engakhethiswanga ukuba ahlawule okanye zombini, intlawuliso kunye nokuvalelwa. Abophula lo mthetho kufuneka ukuba baxelwe kwezi nombolo zivuleleke ama-24 eeyure, 086 010 3054.

Umlinganiselo wesi-2 weziThintelo (kuqikelelwa ukonga okungama-20%)

1. Ukusetyenziswa kwamanzi okusela athungelene ngokuthe ngqo okanye ngokungathanga ngqo okanye avela kwimibhobho yamanzi aselwayo eSixeko, esetyenziselwa ukunkcenkceshela izitiya, utyani, iipaki kunye nemithabalala yamabala avulekileyo kuthintelwa ukuba kwenziwe
   kangange**yure nganye** okanye ngaphantsi,
   - ngemiVulo nangooLwezine kwiipropati ezineenombolo zesitalato zesitalato ezingumnqakathi (okanye iipropati ezingezinombolo zesitalato) ukuze kwenziwe
   - ngooLwezibini nangoLwezihlanu kwiipropati ezineenombolo ezingengomnqakathi.
   - Ukusetyenziswa kwesixokelelwano sonkcenkcesho kunye nezifefo akuvunyelwanga.
   - Yimibhobho emincinane, amabhakethi kunye namakani okunkcenkceshela amawasetyenziswe.

2. Ukusetyenziswa kwamanzi aselwayo athungelena ngokuthe ngqo okanye ngokungathanga ngqo kwimibhobho yamanzi aselwayo yeBhunga asetyenziselwa ukunkcenkceshela iizitiya, utyani, iipaki kunye nemithabalala yamabala avulekileyo **akuvumelekanga phakathi kwentsimbi ye:10:00 kunye neye:18:00**.

3. Ukusetyenziswa koophayiphu ngokuthe ngqo okanye ngokungathanga ngqo kwimibhobho yamanzi aselwayo yeBhunga ukuze kuhlanjwe iimoto, izithuthuthu okanye izikhitshane, izakhiwo ezingasuswa okanye ezisisigxina, iindledlana, iindledlana ezisecaleni kwendlela kunye neendawo eziyimigangatho (kungananzwanga ukuba zezaluphi na uhlobo izixhobo ezisetyenziswe kule ndawo igangathiweyo), akuvumelelalanga.

4. Yonke imishini ezisebenzelayo yokucoca umchamo mayicinywe kuzo zonke izakhiwo ngamaxesha apho ezo zakhiwo zingasetyenziswa nguwonke wonke okanye ngabasebenzi abangengabo abo bacocayo. Uyacelwa ukuba unike ingqalelo kuMmiselo weGazethi yePhondo onguNombolo 5014 (1996) othintela ukusetyenziswa kwemishini ezisebenzelayo yokucoca umchamo.

5. Izithintelo ezikumhlathi woku-1 nowe-3 kufuneka zingasetyenziswa kunkcenkceshelo lwezityalo ezikwiindawo zokukhulisa izityalo zizithengisa, iindawo zokukhulisa zeBhunga okanye uRhulumente, ingqokelela egcinelwe uphando, iiprojekthi zokuvuselelwa kohlaza kwiinduli zesanti, amabala eqakamba, e-bowling, egalufa, e-croquet, amabala afakelwe iisoyi kunye nabala emidlalo amakhulu.

6. Izithintelo ekubhekiswe kuzo kumhlathi woku-1, owesi-2 nowesi-3 kuphela, kufuneka zingasetyenziswa:
   (i) kwiindawo ekusetyenzelwa kuzo njengeendawo zokuxhela, iindawo ezisetyenziselwa ukulungisa ukutya kunye nezo kulungiswa kuzo iimoto;
   (ii) nalapho izithintelo ezithile zikhululelwe ngokubhaliwe siSixeko saseKapa;
   (iii) nalapho eminye imithombo yamanzi angaselwayo isetyenziswayo kwaye isaziso somthombo walo manzi sibekwe kwindawo ecacileyo apho wonke ubani angabona ngokucacileyo.

7. Ezi zithintelo zingentla mazingasetyenziswa apho ukhululo olukhethekileyo lunikezelwe ngokubhaliweyo siSixeko saseKapa. Ukhululo olukhethekileyo luya kunikezwa kwiimeko ezikhethekileyo.

Izicelo zokukhululelwa ukungathobeli lo mthetho kufuneka zibhekiswe kwenye yezi ofisi zilandelayo:

I-Ofisi Yesithili	Idilesi Yesitalato	Idilesi Yeposi	Inomb. Yefeksi (021)
Bellville / Delft / Durbanville	1st Floor, PX Building, Modderdam Rd, Bellville South	**Ukukhululwa Kwizithintelo Zokusetyenziswa Kwamanzi** City of Cape Town, Private Bag X26, Bellville 7535	918-2569
Blaauwberg	Royal Ascot Offices, Racecourse Rd, Milnerton	**Ukukhululwa Kwizithintelo Zokusetyenziswa Kwamanzi** City of Cape Town, PO Box 35, Milnerton 7435	550-1024
Cape Town	20th Floor, Civic Centre, 12 Hertzog Boulevard, Cape Town	**Ukukhululwa Kwizithintelo Zokusetyenziswa Kwamanzi** City of Cape Town, PO Box 1694, Cape Town 8000	419-9667
Goodwood / Parow	Cnr Tallent & Voortrekker Roads, Parow	**Ukukhululwa Kwizithintelo Zokusetyenziswa Kwamanzi** City of Cape Town, PO Box 11, Parow 7499	938-8457
Helderberg	Cnr Victoria & Andries Pretorius Streets, Somerset West	**Ukukhululwa Kwizithintelo Zokusetyenziswa Kwamanzi** City of Cape Town, PO Box 19, Somerset West 7139	850-4400
Khayelitsha	Stocks & Stocks, Ntlazana Road, Ilitha Park, Khayelitsha	**Ukukhululwa Kwizithintelo Zokusetyenziswa Kwamanzi** City of Cape Town, Private Bag X93, Bellville 7535	360-1255
Oostenberg	Brighton Rd, Kraaifontein	**Ukukhululwa Kwizithintelo Zokusetyenziswa Kwamanzi** City of Cape Town, PO Box 25, Kraaifontein 7570	980-6117
South Peninsula	Waterworks Depot Kendal Road, Constantia	**Ukukhululwa Kwizithintelo Zokusetyenziswa Kwamanzi** City of Cape Town, Private Bag X5, Plumstead 7800	712-0757

ISIXEKO SASEKAPA: ULUHLU LWEERHAFU ZAMANZI NOGUTYULO LWELINDLE ZANGO – 2004/2005

Injongo yesi saziso kukutsala ingqalelo yamaqela anomdla koku kulandelayo:

Ngowama-22 Septemba 2004 iBhunga leSixeko saseKapa lasombulula ukuba lilungelelanise ngokutsha olu Luhlu lweeRhafu zoGutyulo naManzi lulandelayo, ngokungqinelana neCandelo 75A loMthetho weeNkqubo zikaMasipala kubuRhulumente beNgingqi onguNombo.32 wango-2000 ngenxa yeziThintelo kuSetyenziso lwaManzi oluhambelana noMthetho weeNkonzo zaManzi onguNomb. 108 wango-1997, noya kuqala ukusetyenziswa ukusuka ngowoku-1 Okthobha 2004.

AMANZI noGUTYULO LWELINDLE	**Zonke iirhafu kungaqukwanga i- VAT**

Njengoko izithintelo kumgangatho woku-2 sele zinyanzeliswa, ezi rhafu zilandelalyo ziyasetyenziswa ukusuka ngowo-01 Okthobha 2004:

AMANZI		**AMANZI OGUTYULO LINDLE ASETYENZISIWEYO (UBUNINZ)**	
Udidi loSetyenziso:	**Irhafu** Ngekhilolitha nganye **(umgangatho 2)**	**Udidi loSetyenziso:**	**Irhafu** Ngekhilolitha nganye **(umgangatho 2)**
Usetyenziso eKhaya 1 (0-6kl)	**R 0.00**	Usetyenziso eKhaya1 (0-4.2kl)	**R 0.00**
Usetyenziso eKhaya 2 (+6-12kl)	**R 2.32**	Usetyenziso eKhaya2(+4.2-8.4kl)	**R 1.52**
Usetyenziso eKhaya 3 (+12-20kl)	**R 6.15**	Usetyenziso eKhaya3 (+8.4-28kl)	**R 4.39**
Usetyenziso eKhaya 4 (+20-40kl)	**R 10.41**		
Usetyenziso eKhaya 5 (+40-60kl)	**R 13.34**		
Usetyenziso eKhaya 6 (+60kl)	**R 17.20**		
Ingqokelela yezaseKhaya 1	**R 0.00**	Ingqokelela yezaseKhaya 1 (0-4.2kl)	**R 0.00**
Ingqokelela yezaseKhaya 2	**R 6.17**	Ingqokelela yezaseKhaya 2 (>4.2kl)	**R 4.31**
Ushishino & Imizi-mveliso	**R 6.59**	Ushishino & Imizi-mveliso	**R 2.68**
Izikolo/ Imidlalo	**R 5.81**	Izikolo/ Imidlalo	**R 2.68**
Urhulumente	**R 6.25**	URhulumente	**R 2.68**
Umasipala	**R 5.81**	UMasipala	**R 2.47**
Ezintlobo ntlobo	**R 6.25**	Ezintlobo ntlobo	**R 2.68**
Ezintlobo ntlobo zangaphandle	**R 7.47**	Ezintlobo ntlobo zangaphandle	**R 2.68**
Irhafu zizonke (iisenti/ kl)	**196.42**		

Uyacelwa ukuba uqaphele utshintsho olwenziwe kwiiNkcazelo (kuphela) zemigangatho yeerhafu zaManzi noGutyulo lweLindle njengoko bezipapashwe kumaphephandaba i-Cape Times, i-Cape Argus kunye ne-Die Burger ngowama-26 ku-Agasti 2004 kunye neVukani ngowesi-2 Septemba 2004.

Iikopi zesi saziso ziya kuxhonywa kwezi Ofisi zikaMasipala zichazwe apha ngezantsi ngeentsuku zeveki phakathi kwe-08:30 kunye ne-16:30

Indawo	**Idilesi**
Ekapa	Reception Desk, Concourse, Civic Centre, Hertzog Boulevard, Cape Town
e-South Peninsula	Municipal Offices, Cnr Main and Victoria Road, Plumstead
Ibhungana 1	Municipal Offices, Race Course Road, Milnerton
Ibhungana 2	Next to Kraaifontein Civic Centre, Brighton Way, Kraaifontein
Ibhungana 3	Municipal Offices, Oxford Street, Durbanville
Ibhungana 4	1st Floor, cnr Voortrekker & Tallent Roads, Parow
Ibhungana 5	Goodwood Municipal Building, Voortrekker Road, Goodwood
Ibhungana 6	Cnr Voortrekker & Carinus Streets, Kuils River
Ibhungana 7	Milton Road Library, Cnr Fynbos and Melkbos Roads, Eersterivier
Ibhungana 8	Cnr Fagan Street & Main Road, Strand
Ibhungana 9	D Block Stocks & Stocks Complex, Ntlakohlaza Street, Town 2, Village 1, Khayelitsha
Ibhungana 10	Site B, Khayelitsha, Shopping Centre, Khayelitsha
Ibhungana 11	Fezeka Building, Cnr NY1 and Lansdowne Road, Gugulethu
Ibhungana 12	Parks & Bathing Building, Merrydale Avenue, Lentegeur
Ibhungana 13	Fezeka Building, Cnr NY1 and Lansdowne Road, Gugulethu
Ibhungana 14	Fezeka Building, Cnr NY1 and Lansdowne Road, Gugulethu
Ibhungana 15	Pinelands Training Centre, St Stephens Road, Central Square, Pinelands
Ibhungana 16	11th Floor, 44 Wale Street, Cape Town
Ibhungana 17	Athlone Civic Centre, Cnr Protea and Klipfontein Roads, Athlone
Ibhungana 18	3 Ottery Road, Ottery
Ibhungana 19	Fish Hoek Civic Centre, Central Circle, Recreation Road, Fish Hoek
Ibhungana 20	Alphen Centre, Constantia Main Road, Constantia

UMHLA WOKUQALA WOKUKHUTSHWA: Ngowama-30 Septemba 2004

UGQIRHA. WALLACE MGOQI
UMPHATHI WESIXEKO